

# Vuk'uzenzele



Ipapashwe liZiko lezoNxibelewano nokuSasazwa koLwazi lukaRhulumente (GCIS) isiXhosa / English | EyeSilimela 2018 Ushicilelo I

## Umfama obhinqileyo ulime wada wanempumelelo

**UKUVOLONTIYA** efama kwasebuntwaneni bakhe kuye kwamqinisekisela ubizo oluyimpumelelo kwezolimo usomashishini ongowasetyhini.

**U**kususela ekuthwa-xweni yndlala nasekwensiweni intlekisa kuba eseenza efama uMahlatse Matlakane (oneminyaka yobudala engamma-20) ngoku ungumfama ogqamileyo wepepile eluhla-za.

UMahlatse waqala ukuvolontiya kwifama yepepile eluhlaza ekufutshane nekhaya lakhe ngeempela-veki nangeeholide zesikolo eminyaka ili-15 ukuncedisa umama wakhe owayengaphangeli ukugxotha ikati eziko.

UMatlakane uzinze eGa-Moisimane eBuchum nje ngaphandle kwePolokwane eLimpopo. Uthi nangona ezonwabele nje iziphumo zokusebenza kwakhe nzima kodwa bekungekho lula ngalo lonke ixesha. "Ukukhula bekunzima kum nabantwana basekhaya. Iintanga zam zazidla ngokundihleka ukugala kwam ukusebenza efama zide zithi ubulimi ngumsebenzi wabantu abangafundanga.

"Kwakundivisa kabuhlungu oko kodwa ndandifuna ukufumana ulwazi ukuze nam ndibe ngumlimi," utshilo.

Uthe akufumana amava athile uMatlakane waya



UMahlatse Matlakane usekhondweni lokuba ngumlimi wepepile eluhlaza ohlonitshwayo eGa-Moisimane eBuchum eLimpopo, cebu kuhle eLimpopo.

kuJohan Nel, umnini wefama

awayevolontiya kuyo watetha naye malunga nokutyala eyakhe imbewu yokukhulisa iipepile.

UNel wamnika umhlaba ozihektare ezimbini kwifama

yakhe.

"Ndamangalisa yindlela imbewu nje encinane ekwazi ukujika ngayo ibe zizityalo ezivelisa iipepile eziluhlaza ezinkulu. Ukubona indlela ezikhathalelwaa ngayo izityalo

ngokusebenza izichumiso ukuthintela izinambuzane kwandenzena ndakuthanda nangakumbi ukuba ngumlimi. Ndaziqonda kwangoko ukuba

Liqhubeka kwiphepha lesi-2



Inkqubo ye-ABIS  
yeSebe leMicimbi  
yezeKhaya iza  
neenkonzo  
ezikhawulezayo  
Iphepha 2



Oonogada bemiyeko  
yendalo bakhusela  
imikhombe

Iphepha 8



ALSO AVAILABLE ON:



@VukuzenzeleNews

f Vuk'uzenzele

Websites: www.gcis.gov.za

www.vukuzenzele.gov.za

E-mail: vukuzenzele@gcis.gov.za

Tel: (+27) 12 473 0353

Free Copy

**"Imfundo sisixhobo esiyinkunzi onokusisebenza ukuze utshintshe ihlabathi."**

Nelson Mandela

“100  
Nelson Mandela  
Centenary  
2018  
Be the Legacy”

# Home Affairs ABIS to provide faster service

**THE NEW** biometric system will be rolled out over a period of five years.



Home Affairs Minister Malusi Gigaba gives the new Automated Biometric Identification System a test drive. The system will speed up service delivery and the issuing of ID documents.

The new Automated Biometric Identification System (ABIS) will have an impact on the turnaround time for issuing ID documents and passports, and will reduce the duplication of identities.

The Minister of Home Affairs, Malusi Gigaba, recently announced ABIS which is said to change the way in which South Africans are identified and will form the backbone of how the public and private sector will manage the au-

thentication of their clients.

ABIS will be the identification and security solution in support of national government's drive towards modernisation of all departments for service efficiency.

The system will offer a single

• • •

source for biometric authentication for South Africans.

"The ABIS project will be rolled out in phases over a five-year period. Among others, implementation will entail migration of the current Home Affairs National Identity System (HANIS) data fingerprints and facial recognition, to the new ABIS with improved functionality, installation and configuration of ABIS infrastructure and building of system functionalities," he said.

The country's banks will be able to verify client identification quicker and the tourism sector will benefit due to quicker response times at ports of entry to capture and verify a traveller's identity.

Minister Gigaba also said the SA Police Service will be able to search for suspects by matching latent prints against ABIS records.

The system will also lead to improved border control, which should create a competitive economic environment to attract critical skills, enable growth, increase foreign direct investment and create jobs.

## DID YOU KNOW?

**The Department of Home Affairs has issued 10 million smart ID cards.**

Minister Gigaba said the ABIS project was initiated in January 2016 with the aim to replace the (HANIS), which is manually operated and outdated.

Minister Gigaba said one of the major challenges that were faced with HANIS was the imminent collapse of the over 20-year-old biometrics database which left the department with no choice but to carry out a technology upgrade.

Minister Gigaba added that the department partnered with the Council for Scientific and Industrial Research to develop specifications for a new biometric database.

He said the department worked with the State Information Technology Agency to procure a future-fit Automated Biometric Identification system. EOH was contracted to deliver the system after a thorough procurement process. **V**

**SAnews.gov.za**

### Liqhubeka lisuka kwiphepha loku-1

nantsi into endinqwenela ukuyenza," utshilo uMatlakane.

Emva kokuphumelela kwa-khe imatriki uMatlakane ukhe waphumla unyaka wamnye nangona wayesele amkelwe kwiiDyunivesithi yaseRhawutini (i-UJ) ukuba ayokwenza izifundo zobugqwetha.

Wabuyela kuNel ukuya kucela olunye uncedo lobulimi waza wamcebisa ukuba athethe nenkosi yalapho malunga nokuba imnike

umhlaba.

Emva kokuba inkosi ibone inkubela yakhe kwifama kaNel yamnika umhlaba ozi-hektare ezingama-40 kwifama iBabirwa Ba Tau Ya Tswala apho aliqhuba khona ngoku ishishini lakhe. Uqeshe abantu abane abatsha ukuba basebenze naye.

UMatlakane uthengisa ii-pepile eziluhlaza kwiimarike zeziqhamo nemifuno eBuchum, ePolokwane nase-Rhawutini.

Nangona ifama yakhe ine-

ngeniso engama-50 000 eera-ndi ngenyanga, uMatlakane usazimisele ukukhula, arhwebe namazwe ehlabathi.

Nangona engafumananga ncedo kurhulumente, uMatlakane uqinisekile ukuba ishishini lakhe liza kuqhuba kakuhle kwaye uthi ezona njongo zakhe ziphambili kukunceda abantu bale ngingqi abathwaxwa yndlala ngokubaxhobisa ngezakhono ebanika nemisebenzi, njenqokuba ishishini lakhe liqhubeka ukukhula. **V**



government communications

Department:  
Government Communication and Information System  
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

Tel: (+27) 12 473 0089

E-mail: vukuzenzele@gcis.gov.za

Address: Private Bag X745, Pretoria, 0001

Head of Editorial and Production  
Tasneem Carrim | tasneem@gcis.gov.za

Editor-in-Chief  
Des Latham | des@gcis.gov.za

Managing Editor  
Ongezwa Mogotsi  
ongezwa@gcis.gov.za

News Editor  
Noluthando Motswai

Writers  
Noluthando Motswai  
More Matshediso  
Jauhara Khan

Senior Designer  
Tendai Gonese

Translators  
Nomgcibelo Motha  
Boitumelo Phalatse  
Phakamani Dadlana

**Vuk'uzenzele**  
is published by Government Communications (GCIS)

Printed by:



Distributed by:



All rights reserved. Reproduction of the newspaper in whole or in part without written permission is strictly prohibited.

# Oonogada bemiyeko yendalo bakhusela imikhombe

**INKUBO** yeMisebenzi yoLuntu eNatyisiweyo engezendo idala imisebenzi futhi ikhusela nezilwanyana zasendle.



■ Abahloli bezendalo banendima abayidlalileyo ekunciphiseni ukuzingelwa okungekho mthethweni kwimiyezo yolondolozo-ndalo kweli lizwe jikelele.

## Dale Hes

**U**mhloli wezendalo uPhakamani Nyawo (oneminyaka yobudala engama-26), nozinze kumyezo wolondolozo-ndalo, Umkhuze Game Reserve kwiphondo laKwaZulu-Natal, ungomnye wabahloli bendalo abali-1 659 naba-

nikwe uxanduva liLiko le-Miyeko yeSizwe yaseMzantsi Afrika (i-SANParks) lokujonga indalo kumaziko olondolozo-ndalo karhulumente nawabucala kuMzantsi Afrika jikelele.

UNyawo, noyinxaleny ye-projekthi yabahloli bezendalo eqhutywa yi-EPWP, ukholelwa ekubeni kubalulekile ukufundiswa koluntu malu-

nge nokulondoloza indalo.

"Kufanele siphume siye eluntwini ukuze silwazise ukuba kutheni kubalulekile ukuba siyilondoloze indalo. Kulapho kuphela uluntu luyakuyazi indima nokubaluleka kwezelwanyana zasendle," utshilo.

Le nkubo, ixhobisa abemi baseMzantsi Afrika abasebatsha ngezakhono abazidingayo ukuze bakwazi ukusebenza kulondolozo lwendalo nenzululwazi engezilwanyana nezityalo, iquinisekile ukuba uNyawo uyakwazi ukukhathalela usapho lwakhe.

"Ikhaya lam linophahla olo-meleyo ngoku, olungavu-zizo. Konke oku kwenzeke ngenxa yomsebenzi wam. Ndichwayitile kukuba ndafumania eli thuba," utshilo.

UMphathiswa wezeNdalo uGq Edna Molewa aba bahlo-li ubabiza ngokuba 'ngognada abakhusela imiyeko

yendalo kuba badlala indima ebaluleke kakhulu ekulweni ulwaphulo-mthethwo lwezendalo, olufana nokuzinge-lwa kubulawe imikhombe ngokungekho mthethweni.

"Kulo nyaka uphelileyo kutyalwe abahloli bezendalo abali-1 659 kwiindawo aphi ukuzingelwa kubalawie imikhombe ngokungekho mthethweni kugquba khona ukuba bayokuncedisa ngokukhusela indalo. Bazakuxhotyiswa ukuba babe ngabakhuseli bemikhombe kwezi ndawo," utshilo. UNyawo ube yinxaleny yeqela elabamba umzingeli ongekho mthethweni e-Umkhuze Game Reserve, nokukhokelele ekufunyanisweni kwakhe enetyala. "Ndaziva ndizingca ngamalinge wam kwaye kweli tyala, ulwazi olunzulu ngokhuselo lwezelwanyana zasendle 1wandinceda njengokuba Iwakhokelela ekubanwene kwalo mzingeli

ungekho mthethweni," utshilo.

Le nkubo incede kakhulu ekuncediseni ngokubanjwa, ukuphandwa nokugwetywa kwabazingeli abangekho mthethweni; ukuncitthiswa kokuzingelwa okungekho mthethweni kwezelwanyana zasendle kutsho kwehla ngama-50%; nokuncitthiswa ngama-76% kwezenzo zokuthiyela izelwanyana ngezigu nemigibe. ■

## Ubusazi na?

**ISebe lezeNdalo lichithe imali ezizigidi zeerandi ezingama-235 kumaphulo okuxhobisa ulutsha ngezakhono zezendalo.**

**Ngolwazi oluthe vetshe malunga nokufakwa kwesicelo somsebenzi we-EPWP, qhagamshelana neSebe leMisebenzi kaRhulumente kule nombolo: 012 406 1000.**

## Ukuthakazelele kakhulu ukudalwa kwemisebenzi

**NJENGOKO** ixesha lemili yamadlelo lisondele, i-Vuk'uzenzele iye yafumanisa ukuba kukho inkubo exhaswa ngezimali ngurhulumente ekhusela ize ilawule imili yamadlelo.

## Adele Schormann

**I**nkubo yokucima imili yebizwa i-Working On Fire (i-WOF) ilawula inkubo edibeneyo yowlulo lwemili nethe yaqinisekisa ngokuba iqeshu uninzi lolutsha oluvela kumakhaya ahlelekileyo.

Ngenxaso yemali evela kwiSebe lezeNdalo, le nkubo ingena phantsi kweNkubo yeMisebenzi yoLuntu eNatyisiweyo (i-EPWP).



Inika ithemba kuninzi lolutsha olungafumanu imisebenzi kwaye idlale indima enkulu ekuthinteleni nasekulawuleni imili yamadlelo, nokunciphisa umonakalo owenziwa yile milo.

Le nkubo iqeshu abantu abangaphezulu kwabangama-5 000 abasuka kwiindawo ezi-hlelekileyo kwaye ibaqeqeshu kwizakhono zokwazi ngemili, ezemfundu, ukuthintela nokubamba umlilo unganwenwi kune nezinye izakhono, ezifana noncedo lokuqala, ukuchwela, ukupheka, ezempilo nokhuseleko kune nonxibelelwano.

Igosa lonxibelelwano le-WOF uLeboang Maseko ucacisa ukuba le nkubo igxile kulutsha ize iqeshu nabantu abakhubazekileyo ukuba basebenze kumaziko abo amaphondo.

"Sigxinisa kakhulu kuphuliso lwezakhono size sibonelele ulutsha olusanda kuphuma

kwizikolo zamabanga aphe-zulu ngemisebenzi okanye olusanda kuthweswa izidanga kumaziko emfundu ephakamileyo. Kwabo baqeshwe kwi-WOF, abangama-94% lulutsha, abangama-31% ngabantu basetyhini ize i-3% ibe ngabantu abakhubazekileyo," ungqine watsho.

ULorraine Mokoena (oneminyaka yobudala engama-31) waseMpumalanga ngomnye wabo baxhamileyo kule nkubo. Yiminyaka eli-11 esezenza kwi-WOF.

Emva kokuphumelela kwakhe imatriki usokolile ukufumana umsebenzi isithuba seminyaka emibili. Udade wabo wamxelela ngale nkubo ye-WOF.

"Inkubo yokubhalisa ibenima. Ukuphila qete yeyona nto ibalulekileyo kwizinto ezifunwayo phambi kokuba uthathwe kulo msebenzi kwaye aba-qalayo bavocwavocwa imizimba, beqeqeshwa. Xa uphumelele ukumelana nemithambo

enzima yokuvocavocwa kufuneke uphumelele novavanyo lukaggirha uze emva koko uqalise uqequeso lokuba ngumcimi-mlilo," utshilo.

UMokoena uqale njengomcimi-mlilo osaqalayo waza wasebenza wenyuka Wade wafikelela kwisikhundla sokuba ngumcimi-mlilo ophezulu weenkohkeli zeqela labasebenzi, ekhokela iqela labacimi-mlilo abali-18.

"Lo msebenzi ubuguqulile ubomi bam. Ndim kuphela osebenzayo kubantwana basekhaya nabantwana bam ababini. Ngoku ndiyakwazi ukondla usapho lwam ndize ndithumele nabantwana bam eskolweni," utshilo uMokoena.

Uvumile ukuba icandelo locimo-mlilo ngokwesiqhelo lilicandelo elinabantu abangamoda abaninzi kwaye ufunde ukuba omelele yena njengoko engumntu wasetyhini kulo msebenzi.

UMokoena uzimisele ekubeni ngumlawuli womsebenzi kule

minyaka mibini izayo.

Oku kuza kumenza ibe nguye ojongene nawo onke amaqela e-WOF aseMpumalanga.

Njengoko sijongene nexesa lemili yamadlelo, uMokoena unikezela ngezi ngcebiso zi-landelayo ukuthintela imili yamadlelo:

- Musa ukuntumeka imili kwindawo evulekileyo xa ungazokwazi ukuyilawula.
- Qinisekisa ukuba unalo lonke uncedo ngezixhobo zokumelana nayo nantoni na enokwenzeka.
- Musa ukushiya umlilo unga-hoywanga.
- Jonga kakuhle isimo sezulu.
- Makungantunekwa mililo kwindawo evulekileyo xa kushushu kakhulu okanye ngeemini ezinomoya. ■

**Ngolwazi oluthe vetshe ngeNkubo ye-WOF, tsaleku: 021 418 2569 okanye 082 508 0990 okanye uthumele i-imeyile ku: news@wofire.co.za**